

DEPARTMENT OF HEALTH

NO. 1587


23 DECEMBER 2016

ISEBE LEZEMPILO

UMTHETHO OJONGENE NEZIGULO ZENGQONDO, WOWAMA-2002

IMIMISELO NGOKUBANZI: UMTHETHO-SIHLOMELO

UMphathiswa wezeMpilo, phantsi kweCandelo lama-66 loMthetho Ojongene neziGulo zeNgqondo, wowama-2002 (uMthetho Nombolo 17 wowama-2002), kunye nasemva kokucebisana namalungu afanelekileyo eBhunga lesiGqeba esiLawulayo, wenze iMimiselo kwiSicwangciso.



Gqr. A Motsoaledi, iLungu lePalamente
UMphathiswa wezeMpilo

ISICWANGCISO**linkcazelo**

1. Kule mimiselo “iMimiselo” ithetha iMimiselo epapashwe kwiSaziso sikaRhulumente esinguNombolo R.1467 somhla we-15 kweyoMnga kowama-2004, elungisweyatshintshwa kwiSaziso sikaRhulumente esingunombolo R.98 somhla we-11 kweyoMdumba kowama-2005.

UMthetho-sihlomelo woMmiselo woku-1 kwiMimiselo

2.(1) UMmiselo woku-1 kwiMimiselo utshintshwa ngolu hlobo—

(a) phambi kwenkcazelo “yeziko lezempilo elilawulwa ngurhulumente” kufakelwe le nkcazelo ilandelayo:

“**Umgcini**’uthetha umntu othathe kwaye onikwe uxanduva lokuqinisekisa ukuba iimeko ezichazwe ngokwemiqathango yeCandelo lama-34(5)(a) kunye nelama-45 loMthetho zithotyelwe ngosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo okanye isigulane sikarhulumente;

(b) emva kwenkcazelo “yokhuseleko oluqilima” kufakelwe ezi nkcazelo zilandelayo:

“**izithintelo ngomatshini**’oku kuthetha ukusetyenziswa kwaso nasiphi na isixhobo okanye umatshini apho iintshukumo zomzimba okanye zawo nawaphi na amalungu omzimbaosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo abotshelelweyo okanye athintelweyo;

“**imibutho engekho phantsi kolawulo lukarhulumente**’ ithetha amaqela oluntu angaqhutywanga nangenzi nzuzo kodwaesebenza eqhutywa ngabantu abanomdla ofanayo nabenza iinkonzo eziliqela kunye nemisebenzi yokunceda uluntu olungathathi ntweni;

“**ilungu lombuso**’linentsingiselo enikwe “ilungu lombuso” kwiCandelo lama-239 loMgaqo-siseko;”

(c) emva kwenkcazelo “yoMthetho” kufakelwe le nkcazelo:

“**imibutho yamavolontiya**’ithetha iqela labantu abagqibakwelokuba ngamavolontiya baze baseke umbutho ukufezekisa injongo ethile.”

(2) IMimiselo itshintshweukuze indawo yebinzana elithi “iyure ezingama-72” ithathwe libinzana elithi “iiyure ezingama-72” naphina apho libhalwe khona kule mimiselo ixeliweyo.

(3) IMimiselo itshintshwengokuthatha indawo yegama “center” (iziko) libhalwe “centre” (iziko) naphina apho libhalwe khona kule mimiselo.

(4) Le Mimiselo itshintshweukuze indawo yebinzana “iziko lezempilo elilawulwa nguRhulumente” ithathwe libinzana “iziko lezempilo” naphina apho libhalwe khona kule mimiselo.

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-2 kwiMimiselo

3. UMMiselo we-2 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngumhlathi (a) wommiselo owoyamileyo we-(2) walo mhlathi ulandelayo:

“(a) unyangwa kwaye ukhathalelwa kwiziko lokukhathalela ezempilo esisiseko;”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-3 kwiMimiselo

4. UMMiselo we-3 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“(1) Xa intloko yeziko lezempilo ithatha isigqibo engafanelanga ukuba isithathe ngokwemiqathango yale Mimiselo nangenxa yesikhundla sayo sokusebenza njengengcali, kufuneka isithathe emva kokucebisana nogqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo eyayenze uvavanyo okanye naye nawuphi na omnye ugqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo.

(2) Imisebenzi eyenziwa yintloko yeziko lezempilo ngokwemiqathango yalo Mthetho okanye yale Mimiselo, xa ingekho intloko yeziko elo, ingenziwa ngumntu onyulwe ngokubhaliweyo yintloko yeziko lezempilo ukuba asebenze njengentloko yelo ziko xa engekho.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-6 kwiMimiselo

5. UMMiselo we-6 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“Ngokwemithombo efumanekayo uRhulumente kufuneka abonelele ngenkxaso-mali imibutho engekho phantsi kolawulo lukarhulumente okanye imibutho

yamavolontiya ukuze ibonelele uluntu ngenkathalo, unyango kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ukuze kuphunyezweinjongo zoMthetho.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-7 kwiMimiselo

6. UMmiselo we-7 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“(1) Ixhoba lokuphathwa gadalala okanye umntu olingqina lwako nakuphi na ukuphathwa gadalala, ukuxhatshazwa, okanye ukuhlaziswa kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondoyakhe ngokweCandelo loku-1(1) loMthetho—

- (a) angakuxela oku kwiBhodi yokuHlola efanelekileyo esebenzisa uxwebhu olungunombolo MHCA 02 lweSihlomelo; okanye
- (b) angamangala kwiiNkonzo zamaPolisa zaseMzantsi Afrika eziza kuphanda eso sityholo zithathe amanyathelo afanelekileyo, zize emva koko zazise ngokubhaliweyo iBhodi yokuHlola efanelekileyo ngeso sityholo.

(2) Xa iBhodi yokuHlola ifumana ingxelo njengoko kuchaziwe kummiselo owoyamileyo (1)(a) iBhodi kufuneka iphande loo ngxelo kwaye ukuba kuyimfuneko, imangale kwabeeNkonzo zamaPolisa zaseMzantsi Afrika kwaye ingathatha isigqibo sokubamba ingxoxo malunga nesikhalazo.

(3) Ukuba iBhodi yokuHlola igqiba kwelokubamba ingxoxomalunga nesikhalazo, unobhala weBhodi yokuHlola kufuneka azise ngokubhaliweyo nangokuthumela ngeposi—

- (a) umntu olingqina lokuphathwa gadalala, ukuxhatshazwa, ukuhlaziswa kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo;
- (b) oogqirha abafanelekileyo nabaqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo;
- (c) intloko yeziko lezempilo elichaphazelekayo;
- (d) osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ophethwe gadalala; kunye
- (e) nawuphi na umntu iBhodi yokuHlola ecinga ukuba ufanelekile kule ngxoxo,

malunga nesikhalazo, umhla wengxoxo kunye nokuba inkcazelo ebhaliweyo okanye inkcazelo ngomlomo, njengokufanelekileyo, kufuneka yenziwe kusini na kwiBhodi yokuHlola kunye nokucetyiswa ngelungelo lokumelwa njengokuba kuyimfuneko.

(4) IBhodi yokuHlola kufuneka ikhuphe isaziso ngengxoxo ekuthethwa ngayo kummiselo owoyamileyo (3) ubuncinane iiveki ezimbini phambi komhla walo ngxoxo.

(5) IBhodi yokuHlola ingakhupha isamani eluxwebhu MHCA 18 lweSihlomelo kuye nawuphi na umntu ukuze avele phambi kwayo njengengqina anike ubungqina okanye aveze nayo nayiphi na incwadi, ingxelo, uxwebhu okanye enye into, efanelekileyo kule ngxoxo ngokoluvo lweBhodi yokuHlola,”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-11 kwiMimiselo

7. UMmiselo we-11 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngummiselo owoyamileyo (6) wommiselo owoyamileyo olandelayo:

“(6) Ugqirha kunye nomnye ugqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo abaqhuba uvavanyo lweeyure ezingama-72 kufuneka kwiiyure ezi-12 ziphelile eziya zingama-72 iiyure zovavanyo elowo afake ingxelo ebhaliweyo ngoXwebhu MHCA 06 lweSihlomelo kwintloko yeziko lezempilo elichaphazelekayo, elibonisa uvavanyo lwabo lomzimba nengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondokunye nezindululo malunga nonyango olongezelekileyo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-12 kwiMimiselo

8. UMmiselo we-12 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“(1) Intloko yesebe lephondo kufuneka ifake kuwo onke amaziko ephondo achaphazelekayo, iiNkonzo zamaPolisa zaseMzantsi Afrika kunye nesebe likazwelonke uluhlu lwamaziko ezempilo kwisithili ngasinye kwelo phondo abonelela ngovavanyo lweeyure ezingama-72 ezichazwe kwiCandelo lama-34 loMthetho.

(2) Intloko yesebe lephondo kufuneka ihlaziye kwaye ipapashe *kwiPhephandaba loMbuso (Government Gazette)*qho ngonyaka uluhlu oluchazwe kummiselo owoyamileyo (1) olubonisa ukuba ngawaphi amaziko ezempilo akwesithili ize ifake olo luhlu luhlaziyiweyo kumaqumrhu akhankanywe kummiselo owoyamileyo (1).”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-17 kwiMimiselo

9. UMmiselo we-17 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“Intloko yeziko lezempilo kufuneka ngokwemiqathango yeCandelo le-16, elama-31(3)(a), elama-34(5)(a), elama-48(4)(a) kunye nelama-56(a) loMthetho ikhuphe ingxelo ngoXwebhu MHCA 03 lweSihlomelo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-18 kwiMimiselo

10. UMmiselo we-18 kwiMimiselo ulungiswe ngolu hlobo—

(a) ukutshintshwa koMmiselo owoyamileyo (2) ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:

“(2) Isicwangciso seemeko ezichazwe kummiselo owoyamileyo (1) kufuneka sifundwe kwaye sicaciselwe osebenzisa inkathaleloyezempilo yengqondo kunye nomgcini wakhe okanye sifundwe kwaye siguqulelwe kolunye ulwimi kwiilwimi ezisemthethweni osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo aluqondayo.”

(b) ukufakelwa kommiselo owoyamileyo (9) wenqaku (a) phambi kwegama elithi “isityholo/ityala/isehlo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo we-19 kwiMimiselo

11. UMmiselo we-19 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“Amalungiselelo okugqithiselwa achazwe kwiCandelo lama-34(4)(b) loMthetho kufuneka enziwe ngokungqinelana noXwebhu MHCA 11 lweSihlomelo phakathi kwentloko yesibhedlele sabagula ngengqondo, iziko lenkathalo nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo elichaphazelekayo kunye nentloko yeziko lezempilo apho osebenzisa inkathalelo yezempiloyengqondo alaliswe khona ngokungazikhetheliyo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-21 kwiMimiselo

12. UMmiselo wama-21 kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

(a) indawo yommiselo owoyamileyo (1) ithathwe ngulo mmiselo owoyamileyo olandelayo:

“(1) kufuneka kwenziwe uhlaziyo ngamaxesha athilekwaba balandelayo—

- (a) kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo oncedwayo ngokwemiqathango yeCandelo lama-30 loMthetho kusetyenziswa uXwebhu MHCA 13A;
 - (b) kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondongokungazikhetheliyo ngokwemiqathango yeCandelo lama-37 loMthetho kusetyenziswa uXwebhu MHCA 13A;
 - (c) isigulane sikarhulumente ngokwemiqathango yeCandelo lama-46 loMthetho kusetyenziswa uXwebhu MHCA 13B;
 - (d) ibanjwa eligula ngengqondo ngokwemiqathango yeCandelo lama-55 loMthetho kusetyenziswa uXwebhu MHCA 13A.”
- (b) indawo yomhlathi (a) kunye nomhlathi (c) wommiselo owoyamileyo (2) ithathwe yile mihlathi ilandelayo:
- “(a) ukuhlolwa kokuqala kufuneka kwenziwe ngugqirha wezifo zengqondo okanye ngugqirhakwiinyanga ezintandathu emva kokuqaliswa kwenkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo;
 - (c) emva koko ukuhlolwa kufuneka kwenziwe qho kwiinyanga ezi-12, ukuba konke ukuhlolwa okukokunye kuza kwenziwa ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha.”
- (c) indawo yommiselo owoyamileyo (3) ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:
- “(3) Ngokuphathelele kumntu ekubhekiswa kuye kummiselo owoyamileyo (1)(d) ukuhlolwa ngamaxesha athile kufuneka kwenziwe qho kwiinyanga ezintandathu ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-23 kwiMimiselo

13. UMmiselo wama-23 kwiMimiselo utshintshwengokongezwa kwalo mmiselo woyamileyo olandelayo:

- “(3) Amalungiselelo okugqithisela osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kwelinye iziko lezempilo kufuneka enziwe ziintloko zamaziko ezezempilo amabini achaphazelakayo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-29 kwiMimiselo

14. UMmiselo wama-29 kwiMimiselo utshintshwe ngokufakela kummiselo owoyamileyo (4) igama elithi “ukuba”(“that”) phambi kwegama elithi “unga” (“may”).

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-30 kwiMimiselo

15. UMmiselo wama-30kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

(a) utshintshwe ukuze indawo yesihloko sawo ithathwe sesi sihloko silandelayo:

“Isicelo sokukhutshwaesibhedlele kwesigulane sikaRhulumente”

(b) kucinywe ummiselo owoyamileyo (3);

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-32 kwiMimiselo

16. UMmiselo wama-32kwiMimiselo utshintshwengokongeza lo mmiselowoyamileyo olandelayo:

“(4) Utyando-ngqondo kufuneka luvunyweyintloko yezempilo kwiphondo emva kokuqwalaselaingxelo ekubhekiselelwe kuzo kummiselo owoyamileyo (2).”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-33 kwiMimiselo

17. UMmiselo wama-33kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

(a) indawo yommiselo owoyamileyo (1) ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:

“(1) unyango lwe-Electro-convulsive kufuneka luqhutywe ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha oqeqeshwe ngokukhethekileyo kwezempilo yengqondo kwaye lungaqhutywa kuphela xa umzimba wonke ngokubanzi ulaliswe ngamayeza kunye neziphumzi-zihlunu.”

(b) indawo yommiselo owoyamileyo (4) ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:

“(4) Iziko lezempilo elimiselweyo nelinqwenela ukwenza unyango lwe-electro-convulsive kufuneka lifake isicelo esibhaliweyo kwaye liya kunikwa igunya lokwenza olo nyango yintloko yesebe yephondo elichaphazelekayo.”

(c) indawo yommiselo owoyamileyo (5) ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:

“(5) Nanini na kusenziwa unyango lwe-electro-convulsive incwadi egcinelwe loo njongo kufuneka ityikitywe kwaye izaliswe ngugqirha wezifo zengqondo ofanelekileyo okanye ugqirha kwaye kufuneka okukhutshelwe kuvela kule ncwadi

kufakwe liziko lezempilo elichaphazelekayo kwiBhodi yokuHlola qho ngekota ngoXwebhu MHCA 47 lweSihlomelo ukuzalisekisa iCandelo le-19(1)(b) loMthetho”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-35 kwiMimiselo

18. UMmiselo wama-35kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

- (a) kucinywe ummiselo owoyamileyo (1);
- (b) indawo yommiselo owoyamileyo (2) ithathwe ngummiselo owoyamileyo olandelayo:

“(1) Apho ugqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo ecinga ukuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo akakwazi ukunikezela ngemvume yakhekunyango okanye kutyandooluthile ngenxa yokugula ngengqondo okanye ngenxa yengqondo ebuthathaka, imvume ekhatshwa ziinkcukacha kufuneka ifunyanwe ngokweCandelo le-7 loMthetho wezeMpilo kaZwelonke, wama-2003 (uMthetho Nombolo 61 wama-2003).”
- (c) ukunonjolwa kwakhona kommiselo owoyamileyo we-(3) nommiselo we-(4) njengommiselo owoyamileyo we-(2) nommiselo we-(3);
- (d) kummiselo owoyamileyo (4) indawo yala magama alandelayo “kummiselo owoyamileyo (1) kunye nakwimihlathi (a), (b) kunye no(c) wommiselo owoyamileyo (3)” ithathwe ngala magama alandelayo “kwimihlathi (a), (b) no-(c) wommiselo owoyamileyo (2)”.

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-36 kwiMimiselo

19. UMmiselo wama-36 kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

- (a) UMmiselo owoyamileyo (3) utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo woyamileyo olandelayo:

“(3) Nangona osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ephantsi kwesithintelo, kufuneka aqwalaselwe njengoko kumiselwe ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha kwaye loo ngqwalasela kufuneka ibhalwe phantsi kumanqaku onyango.”
- (b) umhlathi (a) nomhlathi (b) wommiselo owoyamileyo (4) utshintshwe ukuze indawo yayo ithathwe yile mihlathi ilandelayo:

“(a) incwadi ekubhalwa kuyo iingxelo negcinelwe loo njongo kufuneka ityikitywekwaye izaliswe ngugqirha ofanelekileyo,”

- (b) uhlobo lomatshini wokuthintela, ixesha elisetyenzisiweyo, amaxesha okuqwalaselwa kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kunye nesizathu sokusebenzisa olo hlobo lwesithintelo kufuneka zichazwe ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha kwincwadi ekubhalwa kuyo iingxelo nekhankanywe kumhlathi (a);”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-37 kwiMimiselo

20. UMmiselo wama-37 kwiMimiselo utshintshwengolu hlobo—

- (a) UMmiselo owoyamileyo (1) kunye nommiselo owoyamileyo (2) itshintshwe ukuze indawo yayo ithathwe yile mimiselo yoyamileyo ilandelayo:

“(1) Ukuhlaliswa bucala kosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kunga—

- (a) setyenziswa kuphela ukulawula ukuziphatha okubonakalisa ukuphazamiseka okugqithisileyo, okulindeleke ukuba angazenzakalisa, enzakalise nabanye okanye iipropathi; kwaye

(b) setyenziswa njengesohlwayo.

(2) Nangona osebenzisa inkathaleloyezempilo yengqondo ehlaliswe bucala, kufuneka aqwalaselwe njengoko kumiselwe ngugqirha wezifo zengqondo okanye ugqirha kwaye loo ngqwalasela kufuneka ibhalwe phantsi kumanqaku ezonyango.”

- (b) umhlathi (b) wommiselo owoyamileyo (3) utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mhlathi olandelayo:

“(b) ubude bexesha ekwafuneka osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ochaphazelekayo ahlaliswe bucala kunyenesizathu sokuhlaliswa bucala kwakhe kufuneka zichazwe ize ukuhlaliswa bucalakwakhekubhalwe phantsi kwincwadi yeengxelo efanelekileyo ngugqirha, kwaye”

Ukurhoxiswa kommiselo wama-38 kwiMimiselo

21. UMmiselo wama-38 kwiMimiselo urhoxisiwe.

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-39 kwiMimiselo

22. UMmiselo wama-39 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“Ezi ngxelo zilandelayo kufuneka zigcinwe kwiziko lezempilo elimiselwe ngokwemiqathango yeCandelo lesi-5 loMthetho:

- (a) Incwadi ekubhalwa kuyo ingxelo yokulaliswa esibhedlele, ukukhutshwa esibhedlele, ukusweleka, ukugqithiselwa kwesinye isibhedlele kunye nokutshintsha kwewonga ngokwasemthethweni labo bonke abasebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kweso sibhedlele kunye nekhefu okanye ukuqhwebha;
- (b) ingxelo yezonyango equlethe zonke iinkcukacha malunga nezempilo yomzimba kunye neyengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kunye neengxelo zonyango olumiselweyo nolunikezelweyo kuquka umhla ekubhalwe ngawo loo ngxelo, utyikityo oluzeleyo, igama elibhaliweyo kunye neziqinisekiso zemfundo zikagqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo obhale loo ngxelo;
- (c) iingxelo zolawulo zamaxwebhu asemthethweni kunye neekopi zembalelwano ezimalunga nosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo; kunye
- (d) nengxelo yawo nawuphi na umenzakalo ongephi okanye omandundu ofunyenwe ngosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kweso sibhedlele sabagula ngengqondo okanye kwelo ziko lenkathalo nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-42 kwiMimiselo

23. UMimiselo wama-42 kwiMimiselo utshintshwe ngolu hlobo—

- (a) indawo yomhlathi (a) wommiselo owoyamileyo (3) ithathwe ngulo mhlathi olandelayo:
 - “(a) oogqirha abaqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo ababandakanyeka kwiinkqubo eziqwalaselwa kwiCandelo lama-27 kunye nelama-33 loMthetho bangangabaqeshwa bamaziko ezempilo achaphazelekayo kodwa bangangabinazo ezinye izinto okanye umdla kwizimali zelo ziko lezempilo;”
- (b) indawo yomhlathi (b) wommiselo owoyamileyo (4) ithathwe ngulo mhlathi olandelayo:
 - “(b) oogqirha abaqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo abafanelekileyo, kuquka ugqirha wezifo zengqondo, kwakunye nabanye abasebenzi

abaqeqeshiweyo ekucingwa ukuba babalulekile ukwenza wonke umsebenzi obalulekileyo ubuncinane ngokomgangatho ofanelekileyo kunye nezithethe zeSebe lezeMpilo;”

- (c) indawo yommiselo owoyamileyo (5) kunye nommiselo owoyamileyo (6) ithathwe yile mimiselo yoyamileyo ilandelayo:

“(5) Imiqathangoyephephamvume ekubhekiselelwe kulo kummiselo owoyamileyo (2) kufuneka ichazwe ngokucacileyo lisebe likazwelonke, kwaye kufuneka iquke—

- (a) inani labantu abaza kuhlala kulo;
 - (b) ingaba elo ziko liza kusetyenziswa ngabantwana, abantu abadala okanye ukuxilonga nokunyangwa kwezifo ezihlasela abantu abasele bekhulile;
 - (c) iimfuno zeenkonzelo;
 - (d) ubude bexesha lephephamvume; kwaye
 - (e) iphephamvume alinakugqithiselwa kwelinye iziko; kwaye
 - (f) ukuhlaziywa kwephephamvume kufuneka kwenziwe liphondo, kusekwe ekuhlolweni.
- (6) Ukuba umqathango wephephamvume elichazwe kummiselo owoyamileyo (5) awuthotyelwanga, isebe lephondo lingalirhoxisa elo phephamvume kwaye kufuneka lixelele iNtloko yeSebe lezeMpilo likaZwelonke.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-43 kwiMimiselo

24. UMmiselo wama-43kwiMimiselo utshintshweukuze indawo yommiselo owoyamileyo (1) kunye nommiselo owoyamileyo (2) ithathwe yile mimiselo yoyamileyo ilandelayo:

“(1) Nayiphi na inkonzo engesiso isibhedlele sabagula ngengqondo esimiselweyo okanye iziko lenkathalo nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo, kodwa ebonelela ngendawo yokuhlala okanye indawo yokukhathalela abantu aba-5 okanye ngaphezulu abagula ngengqondo ngexesha lasemini kufuneka ngokwemiqathango yoMthetho—

- (a) ifumane iphephamvume kwisebe lezempilo lephondoukuze isebenze; kwaye
- (b) kufuneka ubuncinane kanye ngonyaka kwenziwe uphicotho-zincwadi ngamagosa angabaphicothi-zincwadi besebe lephondo elichaphazelekayo.

- (2) imiqathango yephephamvume ekuthethwa ngalo kummiselo owoyamileyo
(1) kufuneka ichazwe ngokucacileyo lisebe lephondo elichaphazelekayo kwaye kufuneka iquke—
- (a) idilesi yesitalato yeziko elo linikezela iinkonzo;
 - (b) inani labantu abaza kuhlala kulo;
 - (c) nokuba ingaba elo ziko liza kusetyenziswa ngabantwana, abantu abadala okanye ukuxilonga nokunyangwa kwezifo ezihlasela abantu abasele bekhulile;
 - (d) iimfuno zeenkonzo;
 - (e) ubude bexesha lephephamvume; kunye
 - (f) nokuba iphephamvume alinakugqithiselwa kwelinye iziko.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-44 kwiMimiselo

25. UMmiselo wama-44 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngulo mmiselo olandelayo:

“ISebe lezeMfundo likaZwelonke neSebe lezeMfundo lePhondo aza kuba noxanduva lokuseka iinkqubo zezemfundo zabafundi abakwiqela labafundi abangenakuzikhethela nekusisinyanzelo kubo ukuya esikolweni okanye kwabo banelungelo leenkqubo zezemfundo ezisisiseko.”

UMthetho-sihlomelo wommiselo wama-46 kwiMimiselo

26. UMmiselo wama-46 kwiMimiselo utshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe sesi sihloko silandelayo:

“Ukuhlawulwa kwexabisolokulungisa izakhiwo kunye neendleko kumaziko ezempilo.”

UMthetho-sihlomelo wokutshintshwa kwezihlomelo zeMimiselo

27. Amaxwebhu aphantsi kwesihloko Izihlomelo kwiMimiselo atshintshwe ukuze indawo yawo ithathwe ngamaxwebhu akwiSihlomelo.

Ukusetyenziswa ngokwasemthethweni

28. Le Mimiselo iza kusetyenziswa ngokusemthethweni ukususela ngomhla wokupapashwa kwayo.

ISIHLOMELO**UXWEBHU MHCA 01****ISEBE LEZEMPILO**

**INGXELO EYA KWIBHODI YOKUHLOLA EZEMPILO YENGQONDO
ENGOKUKHATHALELWA, UKUNYANGWA KUNYE NOKUBUYISELWA
KWESIMO SESIQHELO NGAPHANDLE KWEMVUME OKANYE
UKULALISWA ESIBHEDLELE NGOKUNGXAMISEKILEYO
[Icandelole-9(2) loMthetho]**

Ifani yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo.....
 Igamlosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo/Amagama osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo
 Umhla wokuzala okanyeuqikelelo lobudala

Isini: Indoda ☐ Owasesyehini ☐

Umsebenziwakhe:.....

Iwonga ngokomtshato: S ☐ M ☐ D ☐ W ☐

Idilesi ahlala kuyo:

.....

Umhla wokulaliswa esibhedlele:

Ixesha lokulaliswa esibhedlele:.....

Igama leziko lezempilo:

Isizathu zokulaliswa esibhedlele ngaphandle kwemvume:

Ngokusekwe kuvavanyo lwam/loogqirha kweli ziko lezempilo, nakuphi na ukulibaziseka ekunikezeleni inkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo/ ukulaliswa esibhedlele, ngenxa yokugula ngengqondo, kunganesiphumo:

(a) sokufa okanye ukwenzakala okungenakubuyiselwa umva kwimpiloyosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo

Izizathu zolu vavanyo (kuquka isimo sengqondo kunye nezizathu zokuziphatha)

.....

(b) sokuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondouzenzakalisile okanye wenzakalise abanye

Izizathu zolu vavanyo (kuquka isimo sengqondo kunye nezizathu zokuziphatha)

.....

(c) sokuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo wonakalise ngokumandundu okanye ulahle iipropathi yakhe okanye eyabanye

Izizathu zolu vavanyo (kuquka isimo sengqondo kunye nezizathu zokuziphatha).....

.....

Mna (igama likagqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo)

ndazisa ukuba ndimvavanyile.....

..... (igama losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo) e

.....

..... (igama leziko lezempilo)(ngomhla).

.....

Isikhundla:.....

Inombolo zoqhagamshelwano:

.....

Utyikityo:

Isiphumo sovavanyo kwiiyure ezingama-24-

(a) Isicelo sokukhathalelwa kwezempilo yengqondongokungazikhetheli okanye sokuncediswa kwinkathalo yezempilo yengqondo, unyango kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo senziwa—

Umhla wesicelo Ixesha lesicelo.....

(b) Osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uvuma ukukhathalelwangokungazikhetheliyo, ukunyangwa kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo.

(c) Osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondoukhululweekubeni ngosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo.

Bhala oonobumba bokuqala bamagama kunye nefani.....

.....
Utyikityo:

(Onikezela ngenkathalelo yezempilo ☐ okanye iNtloko yeziko lezempilo ☐)

Umhla:

(Yifake kwiBhodi yokuHlola efanelekileyo)

UXWEBHU MHCA 02**ISEBE LEZEMPILO**

**INGXELO YOKUXHATSHAZWA, UKUPHATHWA GADALALA
NGOKWASEMZIMBENI OKANYE OKUNYE UKUPHATHWA GADALALA,
UKUNGAHOYWA OKANYE UKUHLAZISWA KOSEBENZISA
INKATHALELO YEZEMPILO YENGQONDO
[Icandelole-11(2) loMthetho]**

(Zonke iinkcukacha eziqulethwe kolu xwebhu ziza kugcinwa ziyimfihlo ngokungqingqwa).

Mna.....
(igama/amagama)

.....
(idilesi)

☐ ndazisa ukuba ndilingqina lokuxhatshazwa, ukuphathwa gadalala ngokwasemzimbeni okanye okanye ukuphathwa gadalala, ukungahoywa okanye ukuhlaziswa kwalo osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo olandelayo:

☐ ndazisa ukuba ndixhatshaziwe, ndaphathwa gadalala ngokwasemzimbeni okanye okanye ukuphathwa gadalala, andahoywa okanye ndahlaziswa

A. Iinkcukacha zosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo(aplo zaziwayo)

Igama kunye nefani yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo.....

Umhla wokuzalwa okanye uqikelelo lobudala

Isini: Indoda ☐ Owasetyhini ☐

Umsebenziwakhe:.....Iwonga ngokomtshato:S ☐ M ☐ D ☐ W ☐

Idilesi ahlala kuyo:
.....
.....

B. Igama leziko lezempilo okanye enye indawo apho isityholo senzeka khona.....

Idilesi:
.....
.....

.....

[illegible]

Umhla:

- i. Inggina liyavuma kum ukuba:
 - a. Liyakwazi kwaye likuqonda okuqulethwe sesi sibhengezo;
 - b. Alikwali ukwenza isifungo esimiselweyo;
- ii. Esi sifungo simiselweyo lisicingela njengesibophelelayo kwisazela salo;
- iii. Inggina lisityikitye phambi kwam esi sibhengezo e.....ngalo mhla.....wale nyanga..... kowama-20.....

Utyikityo: UMkomishinala weziFungo: Ngegunya lesikhundla sakhe

Igama:

Iwonga / Isikhundla:

[Ikopi yokuqala nengakhutshelwanga ifakwe kwiBhodi yokuHlolaefanelekileyo]

UXWEBHU MHCA 03

ISEBE LEZEMPILO

INGXELO YOKUPHUMA KWIZIKO LEZEMPILO YENGQONDO

[Icandelole-16, lama-37(6)okanyelama-56 loMthetho]

Igama elipheleleyo losebenzisa inkathalelo yezempilo
yengqondo.....
Inombolo yesazisi:

Umhla wokuzalwa okanye uqikelelo lobudala

Isini: Indoda ☐ Owasetyhini ☐

Igama leziko lezempilo:.....

Umhla wokulaliswa kulo:.....

Umhla wokuphuma kulo:.....

Isiphumo sokuxilongwa mhla siphuma:.....

Inkathalelo eyongezelekileyo, unyango kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo
okucetywayo ukuya phambili:

.....
.....
.....

Ihlanganiswe ngu:

Bhala oonobumba bokuqala bamagama kunye
nefani:.....

Isikhundla:.....

Utyikityo:.....

(iNtloko yeziko lezempilo)

Bhala oonobumba bokuqala bamagama kunye
nefani:.....

Utyikityo:

Umhla:

[Ikopi kufuneka ifakwe kwigunyabantu elifanelekileyo ngokwemiqathango
efanelekileyo:

IBhodi yokuHlola ☐

UNobhala wenkundla ephakamileyo ☐

UMantyi ☐

INtloko yeNtlongo ☐

INTloko yeSebe likaZwelonke ☐

Igosa elingumgcini ☐

UXWEBHUMHCA 04

ISEBE LEZEMPILO

**ISICELO SONCEDOLOKUKHATHALELWA KWEZEMPILO YENGQONDO,
UKUNYANGWA KUNYE NOKUBUYISELWA KWESIMO SESIQHELO
NGOKUNGAZIKHETHELIYO ESIYA KWINTLOKO YEZIKO LEZEMPILO
ELICHAPHAZELEKAYO**

**[Icandelolama-27(1) nelama-27(2) okanye elama-33(1) kunye nelama-33(2)
loMthetho]**

(Umsebenzi oncedisa lowo uFaka iSicelo ukuzalisa olu xwebhu kufuneka abhale phantsi igama lakhe, ifani kunye nesikhundla sakhe)

Igama, ifani kunye nesikhundla somsebenzi-.....

**A. ULWAZI MALUNGA NOSEBENZISA INKATHALELO YEZEMPILO
YENGQONDO**

Ndenza isicelo—

sokuncediswaukukhathalela ezempilo yengqondo ☐ okanye inkathalo

ngokungazikhetheliyo ☐:

Ifani yosebenzisa inkathalelo yezempilo
yengqondo.....

Igama losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo/Amagama osebenzisa inkathalelo
yezempilo yengqondo.....

Umhla wokuzalwa: okanye uqikelelo lobudala
.....

Isini: Indoda ☐ Owasetyhini ☐

Iwonga ngokomtshato: S ☐ M ☐ D ☐ W ☐

Impangelo: Ewe ☐ okanye Hayi ☐

Ipropathi: Ewe ☐ okanye Hayi ☐

Umthombo weNgeniso: Umhlalaphantsi ☐

Isibonelelo sikarhulumente ☐

Omnye ☐
(Wuchaze).....

Awukho ☐

Ingaba kukho isizathu sokukholelwa ukuba umlawuli okanye igosa elingumgcini kufuneka lonyulwe ukulawula imiba ephathelele kwezemali yosebenzisa inkathalelo

yezempilo yengqondo?Ewe ☐ Hayi ☐

Idilesi ahlala kuyo kunye neenkukacha zoqhagamshelwano:
.....
.....
.....

B. IINKCUKACHA MALUNGA NOFAKE ISICELO

Ifani yofake isicelo:

Igama/Amagama (I)ofake isicelo:
.....

Umhla wokuzalwawofake isicelo:..... (kufuneka abe ngaphezulu kweminyaka eli-18 ubudala)

Idilesi ahlala kuyo kunye neenkukacha zoqhagamshelwano:
.....
.....
.....

C. Ubudlelwane phakathi kofake isicelo kunye nosebenzisa inkathalelo yempilo yengqondo: (phawula ngoX)

Umyeni/Inkosikazi ☐ Umlingane ☐ Iqabane ngokomsebenzi ☐ Umzali

☐ Onoxanduva nodlala indima yomzali ☐ Onikezela ngenkathalo yezempilo ☐

Obunye ☐.....(buchaze)

(Ukuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ungaphantsi kweminyaka eli-18 ubudala esi sicelo kufuneka senziwe ngumzali, impelesi, onoxanduva nodlala indima yomzali okanye umntu onelungelo noxanduva lobuzali)

Ndaqqibela ukusibona isigulane e
.....

(umhla) (ixesha) (indawo)
 (Ofake isicelo kufuneka abe ebesibonile isigulane kwiintsuku ezisixhenxe zokwenza esi sicelo)

D. Kutheni ofake isicelo inguye obonelela ngenkathalo yezempilo?:

Umyeni/Inkosikazi, ozalana ngokusondeleyo, umlingane, iqabane ngokomsebenzi, umzali okanye onoxanduva nodlala indima yomzali wosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo:

(i) Akanantumekelero (Chaza izizathu zokufikelela kwesi sigqibo):

.....

okanye

(ii) Akanawo amandla nezakhono zokumkhathalela (Chaza izizathu zokufikelela kwesi sigqibo):

.....

okanye

(iii) Akaziwa/Awufumaneki umkhondo wakhe (chaza iinzame zokufumana umkhondo)

.....

E. Izizathu zesicelo:

Mna, otyikitye ngezantsi, ngokoluvo lwam, lo mntu uchazwe ngasentla ugula ngengqondo/ukhubazekile ngokwasengqondweni ngezi zizathu (umzekelo, wenzeni okanye utheni?):

.....

F. Kwimeko yesicelo sokukhathalelwa kwezempilo yengqondo ngokungazikhetheliyo:

Ngokoluvo lwakho:

(i) Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondouyingozi kuye nakwabanye ngenxa yokugula ngengqondo?

Ewe ☐ Hayi ☐

(ii) Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondouyavuma ukufumana inkathalo, unyango kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ukuba kuyimfuneko?

Ewe ☐ Hayi ☐

(iii) Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyakwazi ukuthatha isigqibo esisekelwe kulwazi nesifanelekileyo?

Ewe ☐ Hayi ☐

Ndiqhoboshela ezi nkukacha zilandelayo ndixhasa isicelo sam (ukuba zikhona)

Iziqinisekiso zokugula: ☐

Imbali yokugula ngengqondo: ☐ /ukukhubazeka ngokwasengqondweni: ☐

Ezinye: ☐

.....

Ndingwenela ukumelwa / Igqwetha/ Umcebisi ngezomthetho

oza kumela mna Ewe ☐ Hayi ☐

okanye egameni losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo

Ewe ☐ Hayi ☐

Bhala oonobumba bokuqala bamagama kunye nefani (Ofake isicelo).....

Utyikityo (Ofake isicelo):.....

Umhla:

Indawo:

Qaphela: Ofake isicelo kufuneka atyikitye phantsi kwesifungo

F. ISIFUNGO/ISINGQINISEKISO

Mna ndiyaqinisekisa ukuba:

- iv. Ingqina livumile kum ukuba:
 - a. Liyakwazi kwaye likuqonda okuqulethwe sesi sibhengezo;
 - b. Alikwali ukwenza isifungo esimiselweyo
- v. Esi sifungo simiselweyo lisicingela njengesibophelelayo kwisazela salo;
- vi. Ingqina lisityikitye phambi kwam esi sibhengezo e.....ngalo mhla.....
wale nyanga..... kowama-20.....

Utyikityo: UMkomishinala wezeFungo: Ngegunya lesikhundla sakhe

Igama:

Iwonga/Isikhundla:

(Faka ikopi yokuqala nengakhutshelwanga kwiBhodi yokuHlola)

UXWEBHU MHCA 05

ISEBE LEZEMPILO

**INGXELO YOKUXILONGWA KUNYE NOKUFUNYANISWE NGUGQIRHA
OQEQESHELWE UKONGA ABAGULA NGENGQONDO KULANDELA
ISICELO SOKUNCEDISWA UKUKHATHALELWA KWEZEMPILO
YENGQONDONGOKUNGAZIKHETHELIYO, UNYANGO KUNYE
NOKUBUYISELWA KWESIMO SESIQHELO
[Icandelolama-27(5) okanyeelama-33(5) loMthetho]**

Icandelo 1

Ifani yosebenzisa inkathalelo yezempilo
yengqondo.....

Igama losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo/Amagama osebenzisa inkathalelo
yezempilo yengqondo:

Umhla wokuzalwaokanye uqikelelo lobudala
.....

Isini: Indoda ☐ Owasetyhini ☐

Umsebenziwakhe..... Iwonga ngokomtshato: S ☐ M ☐ D ☐ W ☐

Idilesi ahlala kuyo:

.....
.....
.....
.....

Icandelo 2

Umhla wokuxilongwa: Indawo awaxilongelwa kuyo:
.....

Isimo sezempilo ngokwasemzimbeni (izaliswa kuphela ngugqirha oqeqeshelwe ukonga
abagula ngengqondo ofanelekileyo ukuba axilonge ubume bomzimba):

(a) Impilo ngokwasemzimbeni ngokubanzi:

.....
.....
.....
.....

(b) Ingaba kukho iimpawu zomenzakalo? Ewe ☐ Hayi ☐

Ukuba zikhona, nceda uxele ukuba ingaba ukholelwa ukuba okokusisiphumo
sokuphathwa gadalala kusini na?

Ewe ☐ Hayi ☐ Andiqinisekanga ☐

Ukuba kunjalo, ingaba oko kuphathwa gadalala kuxeliwe/kuphandiwe?

Ewe ☐ Hayi ☐

(c) Ingaba kukho iimpawu zezifo ezosulelayo? Ewe ☐ Hayi ☐

Ukuba impendulo ku-(b) okanye ku-(c) ngu-Ewe, nika iinkcukacha ezongezelelweyo:

.....

.....

.....

.....

Icandelo 3

Ulwazi olufunyenwe komnye umntu/kwabanye abantu okanye kusapho malunga nosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo(chaza amagama kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano):

.....

.....

.....

.....

Icandelo 4

Imbali yezempilo yengqondo ukuba iyaziwa (chaza imihla kunye neendawo):

.....

.....

.....

.....

.....

Icandelo 5

Isimo sezempilo yengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ngethuba exilongwa ngoku (chaza iimpawu okanye imigangatho yokuxilongwa):

.....

.....

.....

.....

.....

Icandelo 6

Uhlobo lwesigulo (isiphumo sokuxilongwa sethutyana nesinokutshintsha):

.....

.....

Icandelo 7

Ngokolwam uluvo lo usebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondoungentla—

ubonisa iimpawu zokubulala ngenxa yokugula ngengqondoEwe ☐ Hayi ☐

ubonisa iimpawu zokuzibulala ngenxa yokugula ngengqondo Ewe ☐ Hayi ☐
 usemngciphekweni wokuzenzakalisa ngokumandundu okanye enzakalise nabanye
 okanye enze umonakalo omkhulu kwiiipropathi yakheokanye kweyabanye ngenxa
 yokugula ngengqondoEwe ☐ Hayi ☐

Icandelo 8

Izindululo eziya kwintloko yeziko lezempilo ngesicelo sokuncediswakwinkathalo,
 unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo kuphela **(Musa
 ukulizalisa iCandelo le-9 lolu xwebhu ukuba iCandelo le-8 liza kuzaliswa)**

Isicelo sokuncediswa kwinkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo
 sesiqhelo safakwa ☐ okanye inkathalo ngokungazikhetheliyo ☐, unyango kunye
 neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ☐

1. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ugulangengqondo kwaye
 njengesiphumo sokoufuna inkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo
 sesiqhelo ngeenjongo zezempilo nokhuseleko lwakhe okanye impilo nokhuseleko

lwabanye? Ewe ☐ Hayi ☐

2. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyakwazi ukuthatha isigqibo
 esisekelwe kulwazi nesifanelekileyo ngemfuneko yokufumana inkathalo, unyango kunye

neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo? Ewe ☐ Hayi ☐

3. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyavuma ukufumana inkathalo,
 unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo? Ewe ☐ Hayi ☐

Icandelo 9

Izindululo eziya kwintloko yeziko lezempilo ngesicelo sokukhathalelwakwezempilo
 yengqondo ngokungazikhetheliyo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo

sesiqhelo kuphela (Musa ukulizalisa iCandelo le-8 lolu xwebhu ukuba iCandelo le-9 liza kuzaliswa)

1. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ugulangengqondo kwaye njengesiphumo soko ufuna inkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa

kwesimo sesiqhelo? Ewe ☐ Hayi ☐

2. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyakwazi ukuthatha isigqibo esisekelwe kulwazi nesifanelekileyo ngemfuneko yokufumana inkathalo, unyango kunye

neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo? Ewe ☐ Hayi ☐

3. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyala ukufumana inkathalo, unyango kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo?

Ewe ☐ Hayi ☐

4. Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondongokoluvo lwakho, kulindeleke ukuba angazenzakalisa ngokumandundu okanye enzakalise abanye?

Ewe ☐ Hayi ☐

5. Ingaba inkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo, ngokoluvo lwakho zibalulekile ukukhusela imali okanye igama elindilisekileyo

losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo? Ewe ☐ Hayi ☐

Icandelo 10

Kusekwe kulwazi olungasentla isindululosam kwintloko yeziko lezempilo kukuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondokufuneka—

1. Afumane ukukhathalelwa kwezempilo yengqondo ngokungazikhetheliyo, unyango

kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ☐

2. Afumane uncdo lokukhathalelwa kwezempilo yengqondo yesigulane esilaliswe

kwiziko lezempilo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ☐

3. Abe phantsi kovavanyo lweeyure ezingama-72 kulandela isicelo sokukhathalelwa kwezempilo yengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondongokungazikhetheliyo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqheloukuze kumiselwe imfuneko yokukhathalelwa ngokongezelekileyo, unyango

kunye neenkonzo zokubuyiselwakwesimo sesiqhelo ☐

Icandelo 11

Ndazisa ukuba ndimxelele ngokwam osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ngamalungelo akhe kuquka nelungelo lakhe lokumelwa kuquka ilungelo lakhe lokumelwa ngokwasemthethweni kunye/okanye uNcedo lwaseMthethweni, kunye

nelungelo lokukhuselwa kwemali okanye igama lakhe elindilisekileyo kunye nelungelo lokuba nomlawuli okanye igosa elingumgcini ngokwasemthethweni onyuliweyo.

Amagqabantshintshi:

.....

Mna (igama likagqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo) ndibhengeza ukuba ndivavanye ngokwam

..... (igama losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo) e

..... (igama leziko lezempilo) ngomhla (umhla).

.....

Utyikityo:.....

Uhlobo lukagqirha oqeqeshelwe ukonga abagula ngengqondo osesikhundleni:

.....

Inombolo yobhaliso kwiBhunga elifanelekileyo:.....

Umhla:

Indawo:.....

UXWEBHU MHCA 06

ISEBE LEZEMPILO

UVAVANYO LWEYURE EZINGAMA-72 KUNYE NOKUFUNYANISWE
 NGUGQIRHA KUNYE NOMNYE UGQIRHA OQEQESHELWE UKONGA
 ABAGULA NGENGQONDO EMVA KOKUBA INTLOKO YEZIKO
 LEZEMPILO IVUME IINKONZO ZENKATHALO
 NGOKUNGAZIKHETHELIYO, UNYANGO KUNYE NEENKONZO
 ZOKUBUYISELWA KWESIMO SESIQHELO
 [Icandelolama-34(1) loMthetho]

Icandelo 1

Ifani yosebenzisa inkathalelo yezempilo
 yengqondo.....
 Igama losebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo/Amagama osebenzisa inkathalelo
 yezempilo yengqondo.....
 Umhla wokuzalwa okanye uqikelelo lobudala

Isini: Indoda ☐ Owasesyehini ☐

Umsebenziwakhe:..... Iwonga ngokomtshato: S ☐ M ☐ D ☐ W ☐

Idilesi ahlala kuyo:.....

Icandelo 2

Umhla kunye nexesha lokuqaliswa kovavanyo lweeyure ezingama-72:

 Indawo yovavanyo

Icandelo 3

(a) Impilo yomzimba ngokubanzi (Izaliswe ngoogqirha/iingcali zonyango kuphela):

.....

(b) Ingaba kukho iimpawu zomenzakalo? Ewe ☐ Hayi ☐

Ukuba kunjalo, nceda usixelele ukuba ingaba ukholelwa ukuba okokusisiphumo sokuphathwa gadalala?

Ewe ☐ Hayi ☐

Ukuba impendulo ngu-Ewe, ingaba oko kuphathwa gadalala kuxeliwe/ kuphandiwe?

Ewe ☐ Hayi ☐ Akwaziwa ☐

(c) Ingaba kukho iimpawu zezifo ezosulelayo? Ewe ☐ Hayi ☐

Ukuba impendulo ku-(b) okanye ku-(c) ngu-Ewe, nika iinkcukacha ezongezelelweyo:

.....

.....

.....

.....

Icandelo 4

Imbali yempilo yengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo (Chaza imihla kunye neendawo):

.....

.....

.....

Icandelo 5

Isimo sezempilo yengqondo yosebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo ngethuba lovavanyo lweeyure ezingama-72:

.....

.....

.....

Icandelo 6

Uhlobo lwesigulo (isiphumo sokuxilongwa sethutyana nesinokutshintsha):

.....

.....

.....

Ngokoluvo lwam osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondoongentla—

ubonisa iimpawu zokubulala ngenxa yokugula ngengqondo Ewe ☐ Hayi ☐

ubonisa iimpawu zokuzibulala ngenxa yokugula ngengqondo Ewe ☐ Hayi ☐

usemngciphekweni ngenxa yokugula ngengqondo Ewe ☐ Hayi ☐

Icandelo 7

Isindululo esiya kwintloko yeziko lezempilo – isicelo sokukhathalelwakwezempilo yengqondo ngokungazikhetheliyo

Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo uyakwazi ukuthatha isigqibo esisekelwe kulwazi ngemfuneko yokufumana inkathalo, unyango kunye neenkonzo

zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo?: Ewe ☐ Hayi ☐

Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondouyala ukufumana inkathalo, unyango

kunye nokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo? Ewe ☐ Hayi ☐

Ingaba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondongokoluvo lwakho angazenzakalisa ngokumandundu okanye enzakalise abanye?

Ewe ☐ Hayi ☐

Ingaba inkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo, kolwakho uluvo zibalulekile ukukhusela imali okanye igama elindilisekileyo losebenzisa

inkathalelo yezempilo yengqondo? Ewe ☐ Hayi ☐

Icandelo 8

Kusekelwe kulwazi olungasentla isindululo sam kwintloko yeziko lezempilo kukuba osebenzisa inkathalelo yezempilo yengqondo kufuneka:

1. Afumaneukukhathalelwa kwezempilo yengqondo ngokungazikhetheliyo, unyango

kunye neenkonzo zokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo ☐

okanye

2. Afumane ukuncediswa kwinkathalo, unyango kunye neenkonzo zokubuyiselwa

kwesimo sesiqhelo ☐

okanye

3. Aqhubeke ukufumanaukukhathalelwa ngokungazikhetheliyo, unyango kunye

